



INCWADI YE-PAIA

**Ilungiswe ngokwemiqathango yecandelo
14 IoMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela
kuLwazi uMthetho Nomb. 2 ka-2000
(njengoko ilungisiwe)**

UMHLA WOKUQULUNQA: 23/05/2024
UMHLA WOKUHLAZIYA: 01/06/2025

Iphepha 1 le 60



"A United, Active and Winning Province Through Sport, Recreation, Arts, Culture & Heritage"



ISIQULATHO

INOMB. IZIHLOKO ZAMAGATYA

AMAPHEPHA

1.	Uluhlu Iwee-Akhronimi neZifinyezo	3 - 5
2.	Injongo yeNcwadi yeSikhokelo ye-PAIA	5 - 6
3.	Ukusekwa kweSebe leZemidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko (i-DSRAC)	6 - 7
4.	Ubume be-DSRAC neMisebenzi yakhe	8
5.	linkcukacha zoqhagamshelwano ze-DSRAC	10
6.	linkcukacha zoqhagamshelwano eziphambili	10 - 11
7.	Senziwa njani isicelo sokufikelela kulwazi	11
8.	Uncedo olufumanekayo	15 - 16
9.	Isikhokelo soLawulo IweeNkcukacha	16 - 18
10.	Imixholo i-DSRAC eneerekhodi zayo	19 - 21
11.	Iirekhodi ze-DSRAC ezifumanekayo ngaphandle kokuba umntu acele ukufikelela kuzo	22 - 23
12.	linkonzo ezifumaneka kumalungu oluntu nendlela yokuzifikelela uzo	23
13.	Ukubandakanyeka koluntu kuqulunqo lomgaqonkqubo okanye ukusebenzisa amagunya okanye ukwenziwa kwemisebenzi yi-DSRAC	23
14.	Ukuqulunqwa kweeNkcukacha zaBantu	24 - 28
15.	Ukufumaneka kweNcwadi yeSikhokelo	28- 29
16.	Uhlaziyo IweNcwadi yeSikhokelo	29
17.	IsiHlomelo A – iFomu 2	30 - 36
18.	IsiHlomelo B – iFomu 3	37 - 41
19.	IsiHlomelo C – Imirhumo	42 - 44
20.	IsiHlomelo D – Isibheno Sangaphakathi	45 - 49
21.	IsiHlomelo E – Izikhalaizo	50 - 59

Iphepha 2 le 60





1. ULUHLU LWEE-AKHRONIMU NEZIFINYEZO

1.1 “**umrhumo wokufikelela**” Umrhumo omiselweyo ngenjongo yeCandelo 22(6) okanye 54(6), njengoko kunokuba njalo.

1.2 “**inkundla**” ithetha –

(a) INkundla yoMgaqo-siseko esebeza ngokwecandelo 167(6) (a) kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi eAfrika, we-1996; okanye

(b) (i) INkundla ePhakamileyo okanye enye inkundla enesimo esifanayo; okanye

(ii) iNkundla kaMantyi, ngokubanzi okanye malunga nodidi oluthile lwezigqibo ngokwemiqathango ye-PA/A, etyunje nguMphathiswa, ngesaziso kwiGazethi kwaye echotshelwe ngumanstyi okanye umantyi owongezelelweyo/wesibini ochongwe ngokwecandelo lama-91A le-PA/A, ngaphakathi kwindawo yolawulo—

(aa) isigqibo seGosa loLwazi okanye igunya elifanelekileyo lequmrhu likarhulumente okanye intloko yequmrhu labucala sithathiwe;

(bb) iqumrhu likarhulumente elichaphazelekayo elinendawo yalo ephambili yolawulo okanye ishishini lalo; okanye

(cc) umceli okanye umntu wesithathu ohlalayo okanye ongumhlali nje oqhelekileyo;

1.3 “**umntu weenkukacha**” umntu iinkcukacha zobuqu ezinxulemene naye;

1.4 “**Isebe**” Isebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko, iPhondo leMpuma Koloni

1.5 “**I-DIO**” ISekela Gosa loLwazi (eliyiNtloko yeSebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko, kwiPhondo leMpuma Koloni)

1.6 “**I-DSRAC**” Isebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko, iPhondo leMpuma Koloni

1.7 “**Isikhokelo**” Isikhokelo soLawulo loLwazi kwi-PA/A

Iphepha 3 le 60





1.8 “I-IO”

IGosa loLwazi (onguMlawuli Jikelele kwiOfisi yeNkulumbuso, kwiPhondo leMpuma Koloni)

**1.9 “Incwadi
yeSikhokelo”**

Incwadi yeSikhokelo ye-PAIA ye-DSRAC

1.10 “U-MEC”

ILungu leBhunga lesiGqeba esiLawulayo elijongene nezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko

1.11 “I-PAIA”

UMthetho wokuKhuthaza koFikelelo kuLwazi Nomb. 2 ka-2000

1.12 “umntu”

Umntu odaliweyo okanye ngokomthetho;

1.13 “linckukacha zomntu” linkcukacha ezinxulumene nomntu odaliweyo ophawulekayo njengoko kuchaziwe kwicandelo 1 le-PAIA

1.14 “I-PFMA”

UMthethio woLawulo IweziMali zoLuntu Nomb. 1 ka-1999, njengoko ulungisiwe

1.15 “I-POPIA”

UMthetho woKhuseleko loLwazi loBuqu Nomb. 4 ka-2013

1.16 “Imigaqo ye-POPI”

Imigaqo yokhuseleko lweenkcukacha zomntu ikhutshwe ngokwemiqathango yeCandelo 122(2) UMthetho woKhuseleko loLwazi loBuqu Nomb. 4 ka-2013 (UMthetho Nomb. 4 ka-2013);

**1.17 “iqumrhu
labucala”**

- (a) Umntu odaliweyo opetheyo okanye oqhube kulo naluphi na urhwebo, ishishini aliqeleshelweyo, kodwa ekwisikhundla esinjalo kuphela;
- (b) intsebeniswano eqhubekayo okanye ethe yaqhube ka kulo naluphi na urhwebo, ishishini okanye umsebenzi oqeleshelweyo;
- (c) naliphi na iqumrhu elisemthethweni elikhoyo okanye belikho ngaphambili, kodwa alibandakanyi iqumrhu likarhulumente.





<p>1.18 “iqumrhu likarhulumente”</p>	<p>(a) naliphi na isebe likarhulumente okanye lolawulo lwenqanaba lesizwe okanye lephondo likarhulumente okanye nawuphi na umasipala kwinqanaba lengingqi; okanye</p> <p>(b) nawuphi na umsebenzi okanye iziko xa –</p> <p>(i) lisebenzisa igunya okanye lisenza umzebenzi ngokwemiqathango yoMgaqo-siseko; okanye</p> <p>(ii) lisebenzisa igunya likarhulumente okanye lisenza umsebenzi woluntu ngokwemiqathango yawo nawuphi na omnye umthetho;</p>
<p>1.19 “iinkcukacha ezigciniwego”</p>	<p>naziphi na iinkcukacha ezigciniwego –</p>
<p>1.20 “Ummiseli”</p>	<p>UMmiseli woLwazi</p>
<p>1.21 “Umceli”</p>	<p>Nawuphi na umntu owenza isicelo sokufikelela kwiinkcukacha zelo qumrhu likarhulumente okanye umntu omele umntu owenza isicelo sokufikelela kwiinkcukacha.</p>

2. INJONGO YENCWADI YESIKHOKELO YE-PA/A

Le Ncwadi yeSikhokelo ye-PA/A iluncedo eluntwini ukuba lukwazi-

- 2.1 ukujonga ubume beenkukacha ezisenokuba sele zikhona kwi-DSRAC, ngaphandle kwesidingo sokungeniswa kwesicelo se-PA/A esisemthethweni;
- 2.2 ukuqonda malunga nendlela yokwenza isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ze-DSRAC;
- 2.3 ukufikelela kuzo zonke iinkcukacha zoqhagamshelwano ezifanelekileyo zabantu abaza kunceda uluntu ngeenkukacha olujonge ukufikelela kuzo;

Iphepha 5 le 60





- 2.4 ukwazi lonke uncedo olukhoyo kwi-DSRAC malunga nezicelo zokufikelela kwiinkcukacha, phambi kokuba luye kuMmiseli woLwazi okanye kwiiNkundla;
- 2.5 ukwazi inkazo yeenkonzo ezifumanekayo kumalungu oluntu kwi-DSRAC, kunye nendlela yokufikelela kwezo nkonz;
- 2.6 ukubanenkczelo yesikhokelo malunga nendlela yokusebenzisa i-PA/A, njengoko ihlaziwe nguMmiseli woLwazi, kunye nendlela yokufikelela kuyo;
- 2.7 ukuyazi ukuba ngaba i-DSRAC iyayisebenzisa na inkubo yokuququzelelwa kweenkcukacha zomntu, injongo yokuququzelelwa kwenqubo yeenkcukacha zomntu, inkazo yeendidi zabantu abanikezelwa ngeenkuckacha okanye iindidi zeenkuckacha ezinxulumene noko;
- 2.8 ukuyazi ukuba ngaba i-DSRAC icwangcise ukudlulisela okanye ukuqwalasela iinkcukacha zabantu ngaphandle kwiRiphabhlik yoMzantsi Afrika kunye nabamkeli okanye iindidi zabamkeli ekunokuthi kunikeyelwe kubo iinkcukacha zabantu; kwaye
- 2.9 ukuyazi ukuba ngaba i-DSRAC inamanyathelo okhuseleko afanelekileyo okuqinisekisa ubumfihi, ukunyaniseka, kunye nokufumaneka kweenkcukacha zabantu eziza kuqwalaselwa.

3. UKUSEKWA KWESEBE LEZEMIDLALO, ULONWABO, UBUGCISA NENKCUBEKO I-DSRAC

- 3.1 I-DSRAC lisebe likarhulumente wephondo elisekwe ngokoMgaqo-siseko weRiphabhlik yoMzantsi Afrika, ka-1996 (“uMgaqosiseko”) kunye neshedyuli 3 yoMthetho weeNkonzo zoLuntu (siBheng. 103 sika-1994), njengoko ulungisiwe.
- 3.2 Olona gunyaziso lowiso-mthetho IweSebe luvela kuMgaqo-siseko (iSahluko 2 soMqlu wamaLungelo, iCandelo 6, 15 (1), 16 (1) nele-30; kunye neShedyuli 4 neye-5).
- 3.3 IDSRAC inoxanduva lokukhuthaza, uphuhliso, kunye nokubonelela ngezi nkonz zilandelayo: -
 - 3.3.1 linkalo ekusetyenzwa ngazo ngaxeshanye ngokufanelekileyo zobungcali bowiso-mthetho kuzwelonke nakwiphondo ngokweShedyuli 4, iCandelo A loMgaqosiseko:-

Iphepha 6 le 60





- imiba yenkcubeko; ○ umgaqo-nkqubo weelwimi kunye nolawulo lweelwimi ezisemthethweni kangangokuba imiqathango yecandelo 6 loMgaqosiseko lichaza ngokucacileyo ukufaneleka kowiso-mthetho wephondo;

3.3.2 Imimandla esebeenzayo yobungcali bowisomthetho bephondo liphela ngokweShedyuli 5, iCandelo A loMgaqosiseko:-

- oovimba ngaphandle koovimba besizwe;
- amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe;
- imimyuziyam ngaphandle kwemimyuziyam yesizwe;
- imiba yephondo yenkcubeko;
- ulonwabo nezibonelelo zephondo; kunye nemidlalo yephondo.

3.3.3 Kukho eminye imithetho emininzi ethe yabhengezwa ukuxhasa ngakumbi isigunyaziso se-DSRAC somgaqo-siseko.

UMBONO

IPhondo eliManyeneyo, eliSebenzayo, neliPhumelelayo kwimiba yezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa, iNkcubeko nakwezaMafa.

UMSEBENZI

Ukupuhhlisa, ukuLondoloza, nokuNyusela iMidlalo, uLonwabo, uBugcisa, iNkcubeko, nezaMafa kuPhakamiso lwezoMoya, ngokweNgqiqo, ezentlalo noqoqosho Iwabantu baseMpuma Koloni.





IINQOBO

Inqobo	Ithetha ukuthini kwiSebe
Ubunye beNjongo	Ukusebenza kunye, kusetyenziswa izicwangciso neendlela ezahlukileyo, ukufezekisa iinjongo ezifanayo
Intlonipho	Ukuphatha abathengi, ngendlela ofuna ukuphathwa ngayo
Unxibelelwano	Ukwabelana ngonxibelelwano oluchanekileyo nolucacileyo ngaphakathi nangaphandle ngazo zonke iindlela
Ubulungisa	Unikezelo lweenkonzo olungenamkhethe, olunobulungisa, nolusesikweni kubo bonke abemi baseMpuma Koloni
Uxanduva	Ukuzibophelela ekuphuculeni iinkonzo, ukulandela ukugqwesa, kunye nokuphendula ngezenzo zakho


4. UBUME BE-DSRAC NEMISEBENZI YAKHE

4.1. Ubume

I-DSRAC yakhiwe ngokweenkqubo ezintlanu ukuzalisekisa isigunyaziso sayo njengoko sichaziwe apha ngasentla, ezizezi (1) uLawulo, (2) iMicimbi yezeNkcubeko, (3) iiNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkukacha eziBalulekileyo, (4) iMidlalo noLonwabo, kunye (5) neMisebenzi yeZithili.

Iphepha **8** le **60**





Iphepha 9 le 60





5. IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZE-DSRAC

IOFISI EYINTLOKO	
Idilesi yeposi	<i>ISebe lezeMidlalo, uLonwabo, ubuGcisa neNkcubeko Ingxowa eyodwa X0020 Bhisho 5605 Mpuma Koloni</i>
Idilesi yendawo	<i>ISebe lezeMidlalo, uLonwabo, ubuGcisa neNkcubeko Nomb. 5 Eales Street Qonce 5600 Mpuma Koloni</i>
Idilesi ye-imeyile	paia@ecsrac.gov.za
IWEBHUSAYITHI	www.ecsrac.gov.za

6. IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZIPHAMBILI

ISEKELA GOSA LEENKUKACHA ¹	IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO
Nkskz. Sibongile Mpofu INTloko yeSebe ISebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko	Wilton Mkwayi Building No. 5 Eales Street Qonce 5600 Umnxeba: 043 492 0231 I-imeyile: sibongile.mpofu@ecsrac.gov.za paia@ecsrac.gov.za

¹ ICandelo 17 (1) le-PA/A lifundeka ngolu hlobo: Ukulungiselela iinjongo zalo Mthetho, iqumrhu ngalinye likarhulumente kufuneka, ngokuxhomekeka kumthetho olawula ukugeshwa kwabasebenzi belo candelo likarhulumente elichaphazelekayo, lityumbe inani elithile labantu njengamasekela-gosa eenkukacha njengoko kuyimfuneko ukwenzela ukuba iqumrhu elo lifikeleleke kangangoko kubaceli beenkukacha zalo. Iphepha 10 le 60





<p>Nkskz. Ncumisa Fololo UMlawuli Jikelele: linkonzo zoShishino ISebe lezeMidlalo, uLonwabo, uBugcisa neNkcubeko</p>	<p>Wilton Mkwayi Building No. 5 Eales Street Qonce 5600 Umnxeba: 043 492 0086 I-imeyile: ncumisa.fololo@ecsrac.gov.za paia@ecsrac.gov.za</p>
--	--

- 6.1. Izicelo kufuneka zingeniswe ngesandla okanye zithunyelwe nge-imeyile kwiSekela leGosa leeNkcukacha lesebe, elithe lathunywa liGosa leeNkcukacha lePhondo ukuba lihoye zonke izicelo egameni lesebe.
- 6.2. Abafaki zicelo bayakhuthazwa ukuba bathumele izicelo zeenkukacha nge-imeyile apho kunokwenzeka khona. Kunyanzelekile ukuba kusetyenziswe i-imeyile ebhalisiweyo xa bathe basebenzisa iinkonzo zeposi. Kubalulekile ukuba ubungqina be-imeyile ebhalisiweyo bugcinwe kwaye bunikezelwe xa buceliwe.
- 6.3. Xa iileta zisiwa ngesandla, Nceda uqinisekise ukuba iileta zigximfizwa ngestampu zize zisayinwe kwiSebe njengobungqina bokuziswa kwazo nomhla wazo.

7. SENZIWA NJANI ISICELO SOKUFIKELELA KULWAZI

7.1. Indlela yokwenza isicelo

- 7.1.1. Umfaki sicelo kufuneka agcwaliise iFomu 2 eqhotyoshelweyo njengeSihlomelo A, izaliswe ngokufanelekileyo, aze ayingenise kwiSekela leGosa leeNkcukacha elichaphazelekayo kwidilesi enikezelwe kumhlathi 6 apha ngasentla ukwenzela ukuba azokwazi ukuphendula..
- 7.1.2. ISekela leGosa leeNkcukacha kufuneka lincedise lowo ufaka isicelo ukuba ufunu uncedo ngenkqubo okanye ngokuzalisa iifomu, kuquka nabo bafaka isicelo bangafundanga okanye bakhubazekileyo.⁴

Iphepha 11 le 60





- 7.1.3. Ifomu engeniswe kwiSekela leGosa leeNkukacha kufuneka iqulathe zonke iinkukacha ezifanelekileyo ukuze likwazi ukuchonga iinkukacha ezithile eziceliwego.
- 7.1.4. Umceli kufuneka kwakhona abonise ukuba ngaba ufunu ukufumana ikopi yeenkukacha, ukuzifunda ezi nkcukacha kwi-ofisi yesebe, okanye, kungenjalo, ukuzifumana iinkukacha ngolunye uhlobo olukhoyo.
- 7.1.5. Isicelo akufuneki sibe seseenkukacha eziphantsi kwezizathu zokwaliwa njengoko kubonelelwe phantsi kweSahluko sesi-4 se-PAIA².
- 7.1.6 Umrhumo kufuneka ubalwe ngokwendlela ebelucelwe ngayo kuqala ufilelelo, ukuba ngezizathu ezibambekayo, ufilelelo lunikezelwa ngenye indlela.⁶
- 7.1.7. Umceli kufuneka abonise indlela anqwenela ukwaziswa ngayo ngesiggibo sikaSekela-Gosa weeNkukacha malunga nesicelo seenkukacha ngendlela ethile (ezinje ngeposi, i-telefax, i-imyile), kwaye kufuneka anikeze ngeenkukacha ezifunekayo ukuze aziswe ngolo hlobo. Nceda ujonge amanqaku abalulekileyo ngokumalunga nokusetyenziswa konxibelewano lweperi kumhlathi 6 apha ngasentla njengoko kabalulekile ukufunyanwa nokuqwalaselwa kwezicelo.
- 7.1.8. Ukuba umceli ucela ulwazi egameni lomnye umntu, amandla kunye nobungqina begunya esenziwa phantsi kwalo isicelo kufuneka kubonakaliswe ngendlela eyanelisa iSekela leGosa loLwazi, loo myalelo kufuneka ubhalwe kwaye utyikitywe ngokufanelekileyo.

² Ubumfihlo begela lesithathu elingumntu (icandelo 34 le-PAIA), iinkukacha zezorhwebo zegela lesithathu (icandelo 36 le-PAIA), iinkukacha ezithileyimfihlo, kuye nokukhuselwa kwezinye iinkukacha eziyimfihlo zomntu wesithathu (icandelo 37 le-PAIA), ukhuseleko lwabantu, kuye nokukhuselwa kwepropathi (icandelo 38 le-PAIA), ukukhuselwa kweedokethi zamapolisa kwiinkqubo zebheyile, nokukhuselwa konyanzeliso lomthetho kuye neenkubo zomthetho (icandelo 39 le-PAIA), ukukhuselwa kweerekhodi ezinelungelo elilodwa ekuvelisweni kwiingxoxo zomthetho (icandelo 40 le-PAIA), umda wezoqoqosho nentlalontle yezemali yeRiphabliki kuye nemisebenzi yorhwebo yamaqumrhu karhulumente (icandelo 42 le-PAIA), ukukhuselwa kweenkukacha zophando zomnye umntu, kuye nokukhuselwa kweenkukacha zophando zequmrhu likarhulumente (icandelo 43 le-PAIA), ukusebenza kwamaqumrhu karhulumente (icandelo 44 le-PAIA), izicelo ezibonakala zingenamsebenzi okanye eziyincithaxesha, okanye ukuphambukiswa kwemithombo yezincedisi okukhulu nokungekho ngqiqweni (icandelo 45 le-PAIA). ⁶ ICandelo 29 (4) le-PAIA.





7.1.9. ISekela leGosa IoLwazi kufuneka lenze isigqibo kwiintsuku ezingama-30 emva kokufumana isicelo kwaye lazise umceli ngesiggibo.³

7.1.10. ISekela leGosa IoLwazi linokwandisa ixesha leentsuku ezingama-30 kube kanye kangangexesha elingekho ngaphezulu kweentsuku ezingama30. ISebe kufuneka lazise umceli ngelo xesha landisiweyo kunye nezizathu zoko.⁴

7.2. **Izihlomelo ezifunekeyo:**

Umceli kufuneka avunyelwe afikelele kwiinkcukacha ze-DSRAC ukuba eso sicelo siyahambelana nazo zonke iimfuno zenkqubo, ngaphandle kokuba ukufikelela kwezo nkukacha akwaliwa nangayiphi na imiqathango njengoko kubonelelwwe kwiSahluko sesi-4 se-PAIA.⁵

7.2.1. IFomu yesi2 ezaliswe ngokupheleleyo (iSihlomelo A).

7.2.2. Ubungqina besikhundla umfaki sicelo asenza ngaso isicelo kufuneka buncanyathiselwe kwiFomu yesi2, ukuba isicelo senziwe egameni lomnye umntu okanye umntu osemthethweni

7.2.3. Ikopi eqinisekisiweyo yesazisi somceli.

7.2.4. Ubungqina bentlawulo yemali efunekayo.

7.3. **Intlawulo**

7.3.1. Intlawulo yesicelo engabuyiswayo eyi-R100.00 (okanye enokuthi ilungiswe kumaxesha ngamaxesha ngesaziso esibhaliweyo) iyahlawulwa ngokusingise kwisicelo ngasinye sokufikelela kwiinkcukacha okanye kwisibheno sangaphakathi esingeniswe kwiSekela leGosa leeNkukacha.

³ ICandelo 25 le-PAIA.

⁴ ICandelo 26 le-PAIA.

⁵ Jonga i-Footnote 6 ngasentla ngezizathu apho i-DSRAC inokwala ukunikezela ngeenkukacha.





- 7.3.2. Xa i-DSRAC lifumana isicelo, umfaki sicelo kufuneka aziswe, kusetyenziswe iFomu 3 (iSihlomelo B) ukuba isicelo sivunyiwe okanye asivunywanga, kwaye ukuba isicelo sivunyiwe, umfaki sicelo kufuneka aziswe ahlawule idipozithi emiselweyo yofikelelo (ukuba kunjalo) njengoko kucacisiwe kwiSihlomelo C, phambi kokuba kuqwalaselwe ngakumbi isicelo eso.⁶
- 7.3.3. Abaceli abangenayo kwimilinganiselo yokufikelela bangavumeleka ukuba bafikelele kwiinkcukacha njengoko kumiselwe yi-PA/A.⁷ Oku akusebenzi kubantu abamelwe ngokusemthethweni, naphantsi kweemeko apho izivumelwano zentlawulo eziqubulisileyo kuye kwangenwa kuzo ngumceli kunye nokumelwa kwakhe ngumthetho.
- 7.3.4. Uku fikelela kwikopi yeerekodi kuya kwalelwa de zonke iintlawulo ezifunekayo zibe zihlawulwe ngokupheleleyo. Oku kwahlukile kubaceli abavunyelweyo kwangaphambili kulo mba.
- 7.3.5. Umceli ongonelisekanga yintlawulo efunwayo unokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene neso sigqibo, njengoko kucacisiwe kumhlathi 8.1 ngezantsi.
- 7.3.6. Imirhumu kufuneka ihlawulwe kwiakhawunti yebhanki ye-DSRAC. Idiphozithi kufuneka ichazwe ngokuchanekileyo, kwaye ubungqina bentlawulo nganye kufuneka bungeniswe e-DSRAC.
- 7.3.7. linkcukacha zebhanki zentlawulo ye-PA/A ye-DSRAC:

ABSA BANK

Igama le-akhawunti	: Department of Sport, Recreation, Arts and Culture
Inombolo ye-akhawunti	: 41-0021-5161
Igama leSebe/Brentshi	: ABS EC PUBL SECTOR

⁶ ICandelo 22 (1) le-PA/A.

⁷ GNR.991 ye14 Okthobha 2005 ekhutshwe phantsi kwecandelo 22 (8) le-PA/A.





Ikhowudi yeSebe/Brentshi : 630097

Inombolo yerefrensi : PAIA (Oonobumba bokuqala bamagama & Ifani)

**Ubungqina beNtlawulo : sibongile.mpofu@ecsrac.gov.za
...paia@ecsrac.gov.za**

8. UNCEDO OLUFUMANEKAYO

8.1. Isibheno sangaphakathi

8.1.1. Apho umceli engonelisekanga sisiphumo sesicelo sokufikelela kulwazi, unokufaka isibheno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seSekela leGosa leeNkukachacha ngokuzalisa aze ayihambise **iFomu 4 (iSihlomelo D)** kwisithuba seentsuku ezingama-60 kwiSekela leGosa IoLwazi.

8.1.2. Isibheno sangaphakathi singafakwa ngokuchasene naso nasiphi na kwezi zigqibo zilandelayo zeSekela leGosa IoLwazi:

- 8.1.2.1. Ukwala isicelo sofikelelo⁸;
- 8.1.2.2. lintlawulo ezibizwayo⁹;
- 8.1.2.3. Ukwandisa ixesha lokujongana nesicelo; kunye
- 8.1.2.4. Ukufikelela ngendlela ethile¹⁰.

8.1.3. Umceli kufuneka ahlawule intlawulo emiselweyo yesibheno yangaphakathi (apho

kusebenza khona) xa efaka isibheno.¹¹ Nangona kunjalo, isigqibo sesibheno sangaphakathi sinokuthi, simiswe de kuflawulwe.¹²

⁸ ICandelo 74 (1) (a) le-PAIA.

⁹ ICandelo 74 (1) (b) lifundeka necandelo 22 le-PAIA.

¹⁰ ICandelo 74 (1) (b) lifundeka necandelo 29 (3) le-PAIA.

¹¹ ICandelo 75 (3) (a) le-PAIA.

¹² ICandelo 75 (3) (b) le-PAIA.





- 8.1.4. ISekela leGosa loLwazi kufuneka lingenise isibheno sangaphakathi kuMphathiswa ngokukhawuleza okunokwenzeka, kodwa kwiintsuku zokusebenza ezili-10 emva kokufumana isibheno sangaphakathi.¹³
- 8.1.5. UMphathiswa kufuneka enze isiggibo ngesibheno sangaphakathi kwiintsuku ezingama-30 emva kokuba isibheno sangaphakathi sinikezelwe kwiSekela leGosa loLwazi.

8.2. Isikhala zo esiya kuMmiseli woLwazi

- 8.2.1. Umceli unokungenisa isikhala zo kuMmiseli woLwazi ngokugcwala is ngokufanelekileyo aze anikezele **iFomu 5 (ISihlomelo E)**, kodwa emva kokuba umceli esebeenzise inkqubo yesibheno sangaphakathi ngokuchasene nesiggibo seSekela leGosa loLwazi le-DSRAC.²³

8.3. Ukuya kwiNkundla

- 8.3.1. Lowo ufaka isicelo unokuthi, ukuba akanangxaki, aye enkundleni emva kwenkubo yesibheno sangaphakathi nangona i-DSRAC icebisa ukuba abaceli bazame ukusombulula impikiswano malunga nokufikelela kwiinkcukacha ngaphandle kokuya kwiinkundla zamatyala

9. ISIKHOKELO SOLAWULO LWEENKCUKACHA

- 9.1. UMIlawuli, ngokwecandelo 10 (1) le-PAIA, uye wahlaziya waza wenza ukuba kufumanekie iSikhokelo esihlaziyiweyo sendlela yokusebenzisa i-PAIA (“iSikhokelo”), ngendlela eqondakala lula, njengoko

¹³ ICandelo 75 (4) lifundeka necandelo 1 le-PAIA.²³
ICandelo 77 A le-PAIA.





kunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elixelwe kwi-PAIA nakwi-POPIA.

9.2. IsiKhokelo sifumaneka kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni.

9.3. Esi siKhokelo sikhankanywe ngasentla siqulathe inkcazo yoku kulandelayo-

9.3.1. iinjongo ze-PAIA neze-POPIA;

9.3.2. idilesi yeposi neyesitalato, inombolo yomnxeba neyefeksi, kunye, ukuba ikhona, idilesi ye-imeyile yaba balandelayo -

9.3.2.1. iGosa leeNkcukacha lalo lonke iqumrhu likarhulumente, kunye

9.3.2.2. onke amaSekela eGosa leeNkcucakha kuwo onke amaqumrhu karhulumente nawabucala atyunjwe ngokwecandelo 17(1) le-PAIA 24 necandelo 56 le-POPIA.²⁵;

9.3.3. indlela kunye nohlobo lwasicelo -

9.3.3.1 ukufikelela kwirekhodi yequmrhu likarhulumente ekuthethwa ngako kwicandelo 11²⁶; kunye

9.3.3.2. ukufikelela kwirekhodi yequmrhu labucala elixelwe kwicandelo 50²⁷;

9.3.4. uncedo olufumanekayo kwiGosa loLwazi lequmrhu likarhulumente ngokwe-PAIA ne-POPIA;

9.3.5. uncedo olufumanekayo kuMlawuli ngokwe-PAIA ne-POPIA;

²⁴ ICandelo 17(1) le-PAIA- Ngeenjongo ze-PAIA, iqumrhu ngalinye likarhulumente kufuneka, ngokuxhomekeke kumthetho olawula ukuqeshwa kwabasebenzi bequmrhu likarhulumente elichaphazelekayo, lityumbe elo nani labantu njengamasekela egosa leenkukacha njengoko kuyimfuneko ukuze lifikeleleke kangangoko kubaceli beerekhodi zaloo. ICandelo 56(a) le-POPIA- Iqumrhu ngalinye likarhulumente nelabucala kufuneka lenze amalungiselelo, ngendlela echazwe kwicandelo 17 le-Promotion of Access to Information Act, ngotshintsho oluyimfuneko, lokutyunjwa kwelo nani labantu, ukuba likhona, njengamasekela egosa leenkukacha njengoko kuyimfuneko, ukuze lenze imisebenzi noxanduva ngokuchazwe kwicandelo 55(1) le-POPIA.

²⁵ ICandelo le-11(1) le-PAIA- Umceli kufuneka avunyelwe afikelele kwirekhodi yequmrhu likarhulumente ukuba loo mceli uthobelza zonke iimfuno zenkubo ye-PAIA ngokunxulumene nesicelo sokufikelela kuloo rekhodi; kwaye ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwa ngokwemiqathango yaso nasiphi na isizathu sokwalwa esixelwe kwiSahluko 4 sesi Sigaba.





- ²⁶ ICandelo 50(1) le-PAIA- Umceli kufuneka anikwe ufilelelo kuyo nayiphi na irekhodi yequmrhu labucala ukuba-
- loo rekhodi iyafuneka ekusebenziseni okanye ekukhuseleni nawaphi na amalungelo;*
 - loo mntu uthobela iimfuno zenkubo ye-PAIA ngokunxulumene nesicelo sokufikelela kuloo rekhodi; kwaye*
 - ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwa ngokwemiqathango saso nasiphi na isizathu sokwala esixelwe kwiSahluko 4 sesi Sigaba.*

9.3.6. zonke izisombululo ezikhoyo emthethweni malunga nesenzo okanye ukusilela ekwenzeni ngokubhekiselele kwilungelo okanye umsebenzi onikezelwe okanye obekwe yi-PAIA ne-POPIA, kuquka nendlela yokufaka-

9.3.6.1. isibheno sangaphakathi;

9.3.6.2. isikhala zo kuMmiseli woLwazi; kunye

9.3.6.3. isicelo enkundleni ngokuchasene nesigqibo segosa leenkukacha lequmrhu likarhulumente, isigqibo sesibheno sangaphakathi okanye isigqibo soMlawuli, okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala.;

9.3.7. amalungiselelo amacandelo 14²⁸ ne-51²⁹ afuna ukuba iqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandeelanayo, liqlunqe incwadi yesikhokelo, kunye nendlela yokufikelela kuyo;

9.3.8. amalungiselelo amacandelo 15³⁰ ne- 52³¹ abonelela ngokubhengeza ngokuzithandela kweendidi zeerekhodi liqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandeelanayo.

²⁷ ICandelo 14(1) le-PAIA- Igosa leenkukacha lequmrhu likarhulumente kufuneka lenze kufumaneko incwadi yesikhokelo eneenkukacha ezipidweliwe kumhlathi 4 apha ngasentla ngeelwimi ezintathu ubuncinane.

²⁸ ICandelo 51(1) le-PAIA- Kufuneka intloko yequmrhu labucala yenze kufumaneko incwadi yesikhokelo equlethe ingaciso yezi nkukukacha zidweliswe kumhlathi 4 apha ngasentla.

²⁹ ICandelo 15(1) le-PAIA- Kufuneka igosa leenkukacha lequmrhu likarhulumente lenze ukuba kufumaneko ngendlela emiselweyo inkazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu likarhulumente ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba umntu acele ukufikelela kuzo.

³⁰ ICandelo 52(1) le-PAIA- Intloko yequmrhu labucala inako, ngokuzithandela, ukwenza kufumaneko ngendlela emiselweyo inkazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu labucala ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba umntu acele ukufikelela kuzo.

³¹ ICandelo 22(1) le-PAIA- Kufuneka igosa lolwazi lequmrhu likarhulumente ekwenziwe kulo isicelo sofikelelo, lenze ngesaziso umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqhutyelwe phambili nesicelo eso.

³² ICandelo 54(1) le-PAIA- Kufuneka intloko yequmrhu labucala ekwenziwa kulo isicelo sofikelelo, lenze ngesaziso ukuba umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqhutyelwe phambili nesicelo eso.





³³ ICandelo 92(1) le-PAIA libonelela ngokuba –“UMphathiswa unokuthi, ngesaziso kwiGazethi, enze imigaqo emalunga- (a) nawo nawuphi na umcimbi ofunekayo okanye ovunyelwe ngulo Mthetho ukuba umiselwe; (b) nawuphi na umcimbi onxulumene nentlawulo ekhankanywe kwicandelo 22 ne-54;

9.3.9. izaziso ezikhutshwe ngokwemiqathango yamacandelo 22³² ne-54³³ malunga nentlawulo emayihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kunye

9.3.10. imimiselo eyenziwe ngokwecandelo 92³⁴.

9.4. Uluntu lunokuhlola okanye Iwenze iikopi zeSikhokelo kwii-ofisi zikarhulumente okanye zabucala, kuquka neofisi yoMlawuli, ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza. IsiKhokelo siyafumaneka -

9.4.1. ngesicelo kwiGosa leeNkukacha;

9.4.2. kwiwebhusayithi yoMlawuli (<https://www.justice.gov.za/inforeg/>).

10. IMIXHOLO I-DSRAC ENEEREKHODI ZAYO

Imixholo eli qumrhu elineerekhodi zayo	lindidi zeerekhodi ezigcinwe kumxholo ngamnye
Amaxhwebhu ezicwangiso, iintetho kunye neengxelo esisemthethweni	Izicwangciso, Izicwangciso ezicetyiwego, IziCwangciso zokuSebenza zoNyaka; IziCwangciso zokuSebenza, IziCwangciso zokuPhuculwa koNikezelo IweeNkonzo, lingxelo zoNyaka, iintetho zoMgaqo-nkqubo; iintetho zoBume bePhondo;





Uphando	IziCwangciso zoPhando lingxelo zoPhando liRekhodi zokuBeka iliso noPhononongo
Ezabasebenzi kunye neenkonzo zoShishino	<ul style="list-style-type: none"> - Imigaqonkubo yezaBasebenzi neenkubo; - Izithuba ezipapashiweyo; - lirekhodi zokufunwa/zokuqeshwa kwabasebenzi - lirekhodi zabasebenzi; - Ukufunda noPhuhliso umz: IziCwangciso zoPhuhliso noQeqesho; - IsiCwangciso soBulungisa kwezeNgqesho kunye neeNkcukachamanani; - lincwadana; - linkcukacha zoshishino; - lingxelo zeendaba; - lintetho neMiyalezo; - liflaya zezemo yempilo entle neePowusta; - Unxibelewano oluchasene noBuqhophololo kunye noRhwaphilizo; - lincwadana; - liphamflethi; - Ividiyo yeziganeko ezisemthethweni.

Iphepha 20 le 60





Imixholo eli qumrhu elineerekhodi zayo	lindidi zeerekhodi ezigcinwe kumxholo ngamnye
Amaxwebhu ezeMali	<ul style="list-style-type: none"> - lingxelo zezeMali; - lingxelo zoPhicotho; - Uhlahllo Iwabiwomali; - Amaxwebhu oLawulo lwezeNtengo aquka iinkcukacha zeebhidi, iintengiso zebhidi, iirejista zeebhidi, ukungeniswa kweebhidi, iingxelo zophononongo lweebhidi, iingxelo zesigwebo seebhidi, iileta zokuqeshwa, iileta eziya kubabhidi abangaphumelelanga, kunye neerekhodi zolawulo lwempahla.





Amaxwebhu okusebenza	<ul style="list-style-type: none"> - Amaxwebhu oMgaqonkqubo neNkqubo; - UNxibelewano kune neeRekhodi eziphathelile kwiMisebenzi ye-DSRAC.
Amaxwebhu eeNkonzo zoMthetho	<ul style="list-style-type: none"> - Izivumelwano/iikhontrakthi; - Izimvo zoMthetho; - lirekhodi ezinxulumene nokuMangalelana kune neenkqubo zokuSombulula iMpikiswano; - liinkcukachamanani zokuMangalelana, - Imizuzu yeeNtlanganiso, iiAjenda; - lincwadi zeZikhokelo zeMfundu yokuMangalelana; - Umthetho; - liNkqubo zokuSebenza eziseMgangatho; - Izixhobo zoqequesho.

11. IIREKHODI ZE-DSRAC EZIFUMANEKAYO NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU ACELE UKUFIKELELA KUZO¹⁴

lirekhodi ezikwiwebhusayithi yePhondo leMpuma Koloni www.ecsrac.gov.za ziya fumaneka ukuze zibonwe okanye zikhutshwe ngaphandle kokuba umntu enze isicelo esinjalo ngokwemiqathango yoMthetho.

¹⁴Ummiselo 4.(4) weMigaqo yePAIA ka27 Agasti 2021 ubonisa ukuba ofake isicelo unokucela ikopi yerekodi efumaneka ngokuzenzekelayo kwaye kufuneka anikwe ikopi, emva kokuhlawulwa komrhumo wokuzaliswa kwakhona.



Udidi	Udidi Loxwebhu	Ifumaneka kwwebhusayithi	Ifumaneka xa icelwa
lindaba	<ul style="list-style-type: none"> - lincwadana zeendaba kunye nokupapashwa - lipowusta neebhena - lincwadana nonotsheluza - Imicimbi esemthethweni kunye neenxaxheba - Inkqubo yeSizwe yoMbhiyozo weNkcubeko 	X	
Inkukacha ngobubanzi	<ul style="list-style-type: none"> - Iprofayile ye-MEC - Iprofayile ye-HoD - Igunya le-DSRAC - limbasa zeSizwe - Iqumrhu likawonke-wonke namaziko omthetho aphantsi DSRAC 	X	
Imidiya	<ul style="list-style-type: none"> - linkcazelو yemidiya - lifoto - Upapasho - Intetho - lividiyo 	X	
Inkqubo yentengo	<ul style="list-style-type: none"> - Amaxwebhu ebhidi - lifomu 	X	lya_fumaneka
ImiSebenzi	<ul style="list-style-type: none"> - Ukufunda umsebenzi noqequesho - Izithuba zomsebenzi 	X	

Iphepha 23 le 60





UMthetho /Imigaqo	<ul style="list-style-type: none"> - UMgaqosiseko weRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika ka1996 - <i>PFMA</i>; - UMthetho ongqale kwi-DSRAC 		Uyafumaneka
-------------------	---	--	-------------

12. IINKONZO EZIFUMANEKAYO KUMALUNGU OLUNTU NENDLELA YOKUFIKELELA KUZO

I-DSRAC inoxanduva lokukhuthaza, lokupuhlisa nokubonelela ngemicimbi yenkcubeko, oovimba, amathala eencwadi, iimyuziyam, ilifa lemveli, imidlalo nolonwabo kunye nokulawulwa kokusetyenziswa kweelwimi zaseburhulumenteni. I-DSRAC ngokubanzi idibana kwaye ibandakanyeka kunye nabachaphazelekayo abahlukaneyo kwaye iququzelela kwaye ijongene nokuphunyezwa kweeprojekthi ezigxile kwiindawo ezithile.

13. UKUBANDAKANYEKA KOLUNTU KUQULUNQO LOMGAQONKQUBO OKANYE UKUSEBENZISA AMAGUNYA OKANYE UKWENZIWA KWEMISEBENZI YI-DSRAC

13.1. I-DSRAC yinxaleny yequmrhu yesigqeba sikaRhulumente sePhondo leMpuma Koloni.

13.2. Apho ukuqulunqa komgaqo-nkqubo kuya kubangela umthetho, i-DSRAC ifuna izimvo zoluntu kumgaqo-nkqubo ngokupapashwa kwiGazethi yePhondo ukuze uluntu luvakalise izimvo kwaye inokuququzelela ukuquba iindibano zokuva uluvo loluntu.

13.3. Amalungu oluntu angaba negalelo mayane kuqulunqo lomgaqonkqubo ngokunxibelelana nabamelis babo abanyuliweyo kunye nokuya kwiiseshoni zeNdlu yoWiso-mthetho yePhondo.

14. UKUQULUNQWA KWEENCAZELO ZABANTU

14.1. Injongo yoqulunqo

Iphepha 24 le 60



“A United, Active and Winning Province Through Sport, Recreation, Arts, Culture & Heritage”



I-DSRAC iqulunqa ulwazi lomntu siqu olunxulumene nemisebenzi kune neenxaxheba ze-DSRAC, nezichazwe kumhlathi 12 ngasentla.

14.2. Inkcazo

Inkcazelo yeendidi zemiba yedatha kune nolwazi okanye iindidi zolwazi ezinxulumene nalo zichazwe kule theyibhile ingezantsi:

lindidi zogcinolwazi Imiba	linkcukacha zoluqu ezinokuthi zisetyenziswe
Umntu oqhelekileyo	Igama kune nefani; iinkcukacha zonxibelelwano (iinombolo zomnxeba, inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyile); indawo yokuhlala, iposi kune/okanye idilesi yeshishini; inombolo eyohlukileyo yokuchonga; ulwazi lwendawo; uhlanga; isini; ukukhulelwa; imeko yomtshato; isizwe, ubuzwe okanye intlalo
lindidi zogcinolwazi Imiba	linkcukacha zoluqu ezinokuthi zisetyenziswe
Umntu ngokusemthethweni	imvelaphi; ibala; indlela yokuchaza ngokwesondo; ubudala; impilo ngokusemzimbeni okanye yengqondo; impilo entle; ukukhubazeka; inkolo; isazela; inkolelo; inkubeko; ulwimi; ukuzalwa; unxibelelwano oluyimfihlo; imfundu; unyango, imali, ulwaphulomthetho okanye imbali yengqesho kuquka enokufuneka kwiNkqubo yokuBhaliswa kwesiGulane kwiNkqubo yeSebe lezeMpilo.





Abasebenzi	Isini, ukukhulelwa; imeko yomtshato; uhlanga; ubudala, ulwimi, ulwazi lwezemfundo (iziqinisekiso); ulwazi ngemali; imbali yengqesho; inombolo yesazisi; idilesi yomzimba kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano (inombolo zoqhagamshelwano, inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyile); ukuziphatha kolwaphulo mthetho; impilo ntle kunye nezalamane zabo (amalungu osapho); ubuhlanga; unyango; isini; ngokwesondo; ubuzwe; ukuzibandakanya ngokwesizwe okanye ngemvelaphi; indlela yokuziphatha ngokwesini; ubudala; impilo yomzimba okanye yengqondo; impilontle; ukukhubazeka; inkolo; isazela; inkolelo; inkubeko; ulwimi; iinkcukacha zebhayometri zomntu njengoko zifuneka kwimigaqo nkubo yenkonzo yoluntu kunye nemigaqo nkubo.
------------	---

14.3. Abamkeli

Abamkeli okanye iindidi zabamkeli abanokanezelwa kubo ulwazi lomntu siqu zichazwe kule theyibhile ingezantsi:

Udidi Iwesiqui	lolwazi	Abamkeli okanye iindidi zaBamkeli
linombolo zesazisi, amagama, iidlesi, ingqesho kunye nemballi yemfundo yokuhlola ulwaphulo mthetho		linkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika kunye nezinye ii-arhente zokunyanzelisa umthetho
Iziqinisekiso, zokuqinisekisa iziqinisekiso		Ugunyaziwe weziQinisekiso woMzantsi Afrika





Udidi Iolwazi Iwesiqu	Abamkeli okanye iindidi zaBamkeli
linombolo zesazisi, amagama needilesi	Ababoneleli kune nababoneleli ngeenkonzo (kubandakanya abamel bomthetho kwimiba yokutshutshisa) apho i-DSRAC inobudlelwane besivumelwano ukuba bafikelele kwiinkukacha zoluqu
linkukacha zonyango	Amaqela omthetho asebenza egameni le-DSRAC
Inkcazeloyomqeshwa	libhanki kune namanye amaziko emali, abalawuli bengxowa mali yempesheni, imibutho yabasebenzi

14.4. Ukuphuma ngaphaya komda

